Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli**

**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)**

**UNKOSANA 'THE HAPPYBOY' MGXAJI – N Thuthani**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Kwisitanza soku-1

- Imbongi ibalula ukuthi gqi ngokukhawuleza nokuzibalula kukaMgxaji kumdlalo wamanqindi. Uqale ukuzibalula kowabo eMdantsane wagqugqisa kwihlabathi liphela ngendlela awayezilalisa ngophotho ngayo ezinye iimbethi-manqindi.

Kwisitanza sesi-2

- Umbhali usivezela ukuba uMgxaji wazibetha wazoyisa zonke iimbethi- manqindi zoMzantsi Afrika, nkqu nezazibalasele. Wayezibetha, ezibhulela amasaka de azitshambazele kumabala akowabo eMdantsane.

Kwisitanza sesi-3

- Umbhali usityhilela ukuba ezinye iimbethi-manqindi xa zisilwa naye bezizilahlela zizincama kodwa okaMgxaji angavumi ukoyiswa. Ube nesakhono sokukwazi ukumelana neembethi-manqindi ezahlukeneyo athe waqubisana nazo azikhohlise zibe zizidenge ukuze azibethe lula. Ithi ethe yawuphakamisa umgangatho yena abe nochatha kunayo.

Kwisitanza sesi-4

- Umbhali usityhilela ukuba uthe uMgxaji akuba yintshatsheli eMzantsi Afrika wawelela phesheya kweelwandle. Wafika wagqugqisa eTshayina, eMelika naseNgilane. EzaseFransi zange zibe saqalisa ukulwa naye, oko kukuthi zaxhoma ngenxa yokoyika kanti ezaseRashiya zona zapheka iqhinga lokuba zisazilungisa azikakulungeli ukulwa.

Kwisitanza sesi-5

- Umbhali ubalula ukugqugqisa kukaMgxaji ehamba ecela umngeni kwiimbethi manqindi zamazwe ngamazwe.Kubalulwa ezaseJamani, ezaseIthali ukuya kuthi xhaxhe ngoMzantsi Melika.

**[10]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**AFRIKA LIKHAYA – W Shasha**

2.1 Yi - Afrika.√ (1)

2.2 Kuphuhliswa indlela yokuthathwa ngolunya komhlaba we-Afrika√√ ukuthatha into ungavumelanga ngonyhamnyheko√√/ ukuthathwa kakubi okanye kabuhlungu komhlaba√√/ ukuxhatshazwa kweAfrika ngabantu abamhlophe.√√ (2)

2.3 B.√ /Ngexesha loorhulumente bamaphandle eMzantsi Afrika.√ /
B. Ngexesha loorhulumente bamaphandle eMzantsi Afrika.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.4 Ngumfanekiso womlambo omhle obukekayo njengoko iNciba le ingumzekelo womlambo owenza oko ngenxa yokuphinyela kwawo.√ (1)

2.5 Yimiqobo kwiindawo afuna ukuya kuzo√√/yimida emvalela angakwazi ukuya ndawo√√/kukumthintela ukuba angakwazi ukuya naphi na apho afuna ukuya khona kwilizwe lakhe√√/ ibahlulahlula ngokwezizwana zabantsundu zizodwa ukuzama ukuzitheza amandla. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

2.6 Inxunguphele√ /isentlungwini√/ibuhlungu√/ayonwabanga√ / ikhathazekile√ / idandathekile.√/ umoya wembongi uphantsi√/ ikhubekile/√ inxubile√.

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.7 Ngumyalezo ovelisa impatho-gadalala okanye ingcinezelo eyayisenziwa ngabaMhlophe kuma-Afrika kwilizwe lawo√√/ngumyalezo obonisa indlela abantu abaMnyama ababephethwe ngayo kakubi ngamaBhulu ngexesha lengcinezelo√√/impatho-mbi eyayisenziwa kubantu abaNtsundu ngexesha lengcinezelo√√/ ihlaba ikhwelo lokuba amadoda makaphakame alwele ilizwe leAfrika√√/ ikhuthaza abemi beli banganikezeli ngeAfrika ithathwe ngonyhamyheko.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

**[10]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UNXUNGUPHALO – N Shasha**

3.1 A√/ukukhupha imbilini yakho.√/A. ukukhupha imbilini yakho.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.2 Lokuba abantu abangezonzalelwane zalapha bonwabile ngeli xesha abomgquba bengcungcutheka √/Lokuba ezinye izizwe nezinye iintlanga ezingezizo ezalapha e-Afrika zonwabile ngeli xesha abomgquba bengonwabanga.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.3 Luchasaniso√ oluphuhlisa ukuzinga kwesenzo sokubulawa nokugetyengwa kwabaNtsundu.√/oluphuhlisa ukwenzeka rhoqo kwesenzo sokubulawa nokugetyengwa kwabaNtsundu.√ (2)

3.4 NgabaNtsundu√/bokuzalwa√/abomzoNtsundu√/abomzikaPhalo√/ nabaMhlophe√/ nabeLungu√ / noondlebe-zikhany'ilanga√. (2)

3.5 Ezindleleni√/koololiwe√/ezinkomponi√/ezindlwini√/emakhayeni abo√/ emisebenzini.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.6 Ngumbongo wonkwintsho√/ngumbongo sikhalazo√ /ngumbongo wopolitiko.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.7 Abantu abaNtsundu banxunguphele, bayabulawa de babulalane ngelixa abaMhlophe bonwabile√√/lunxunguphalo kubantu abaMnyama oludalwa yindlela ababulalana ngayo ngenxa yokungqutyaniswa ngabaMhlophe bebathenga ngemali√√/ umbhali ukhalazela indlela abaNtsundu abaphethwe ngayo abaMhlophe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

**[10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UMLAMBO – N Thuthani**

4.1 Kukuginya ngokukhawuleza ungahlafunanga.√ (1)

4.2 Imfano-zandi ngu-mb,√/uha<u>mb</u>' uha<u>mb</u>' uba<u>mb</u>'..., idala isingqisho√ (2)

4.3 B√/Umhlaba wentili usoloko ukhukhumele ngamanzi√/B.Umhlaba wentili usoloko ukhukhumele ngamanzi.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.4 Ziwucezele.√ (1)



Downloaded from eduresourceza.com

S.V M

NWS SM

Downloaded from eduresourceza.com

4.5 Kungenxa yobungozi nokoyikeka kwawo okuzalwa zizenzo zawo eziquka ukweyelisela, ukufukama ezinye izilwana ezinobungozi.√√/Kungenxa yamandla awo okubhijela iintaba njengenyoka ekhe ibhijele umntu imophule amathambo. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.6 Yimfundiso yokuba nangona umlambo uluncedo kakhulu nje eluntwini kodwa uphinda uze neengxaki eluntwini. √√/Ubungozi noncedo lomlambo. √√ (2)

4.7 Uphantsi√/usezantsi√/nxunguphele√/isentlungwini√/ibuhlungu√/ayonwabanga√ / ikhathazekile√ / idandathekile.√/ umoya wembongi uphantsi√/ ikhubekile/√ inxubile√. (1)

**[10]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

**KUNYE**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

**INTLIZIYO – IV Mtamzeli**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

**IZIKWEKO**

- 'Yimbangi ...'Esi sisikweko esiphuhlisa ukuba intliziyo lelona lungu lomzimba obuxhomekeke kulo ubomi bethu. Oko kukuthi yakuma intliziyo yomntu iba sisiphelo sobomi.
- 'Ngundoqo ...'Ngesi sikweko umbhali uphuhlisa ukubaluleka kwentliziyo kubomi bomntu. Oko kukuthi ukuphila komntu kuxhomekeke kwintliziyo.
- Ngumbhexeshi ...'Esi sikweko siphuhlisa ukuba zonke izinto ezenziwa ngumntu ezimbi nezintle zisuka entliziyweni. Oko kuthi yiyo elawula izenzo zomntu.
- 'Yintlambo ...'Esi isikweko siphuhlisa ukuba zonke izinto ezimbi ezenziwa ebantwini ziqulunqwa entliziyweni.
- 'Liziko ...'Iziko yilaa ndawo kubaswa umlilo nekuphekwa kuyo ukutya kutsho kuvuthwe. Esi sikweko siphuhlisa ukuba zonke izinto ezenziwa ngumntu ziqulunqwa entliziyweni.
- 'Luphinyano ...'Eli gama lisinika umfanekiso-ntekelelo wezinto ezibumsontorha ezijijeleneyo neziphotheneyo kutsho kube nzima nokufumana nentloko. Ngesi sikweko imbongi iphuhlisa ukuba entliziyweni kukho iintlobo-ntlobo / zonke iintlobo zamayelenqe okanye izinto ezikhohlakeleyo.
- 'Sitiya ...' Isitiya yindawo ekulinywa kuyo iintlobo ngeentlobo zezityalo Esi sikweko siphuhlisa ukuba entliziyweni



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

kulapho kufumaneka khona izinto ngezinto ezicingwa nezenziwa ngabantu.

- 'Uyingoz'elele ncwaba' … Intliziyo yingcuka eyambethe ufele lwegusha, ingumkhohlisi, ikhangeleka ilungile kanti iqulethe inkohlakalo.

**ISIMNTWISO**

- 'Ayikho kuw'inceba' Imbongi isebenzise isimntwiso ukuphuhlisa ukungabi nalusini okanye usizi kwintliziyo.
- 'Uyingoz' elele ncwaba' Ngesi simntwiso imbongi iphuhlisa ubunyoka bentliziyo oku-kwengcuka eyambethe ufele lwegusha ngenxa yendlela ebonzakalisa ngayo abanye abantu. Mve xa athi:
- 

Uyalinga ngenyaniso;
Uyakholwa lukhohliso.
Ukhwebel'elwagcibeni.
Wombel'emihadini.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

Kule miqolo ingasentla imbongi isebenzise isimntwiso iphuhlisa indlela ethi ibalahlekise nethi ibatshabalalise ngayo abantu intliziyo.

**[10]**

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**INTLIZIYO – IV Mtamzeli**

6.1 Siqulethe imisebenzi yentliziyo√/igalelo lentliziyo emntwini√/ukubaluleka kwentliziyo kubomi bomntu.√ngunobangela wokuphila√/ iqulethe okubi nokuhle√/ yonke into ilawulwa yintliziyo.√

(Nayiphi na ekumxholo wesi sitanza) (1)

6.2 C√/Iinkcuku, amayelenqe, inqala, izabatha√/C. Iinkcuku, amayelenqe, inqala, izabatha.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

6.3 Ithetha ukuba entliziyweni kulapho kufumaneka khona izinto ngezinto ezimbi nezintle√√ /ithetha ukuba entliziyweni kufumaneka izinto ezimbi nezintle. √√ (2)

(Nayiphi na kwezi)

6.4 Kukuhle kuphuhlile kukubi kuphuthile.√ / Ngumqolo wama-22 nowama-23√/luxolo lukwanendawo inzond'ixin'indawo√/ ngumqolo we-13nowe-14.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

6.5 Ndiyangqinelana√, kuba intliziyo ikhe ikulahlekise kunjalo nje nawe ukholelwe ukuba uhamba ngendlela eyiyo.√

Andingqinelani√, kuba intliziyo ikhe ikubonise ukungalungi kwenye into kodwa umntu ayenze.√

(Naziphi na ezinye iimbono ezisemxholweni.) (2)



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO B: INOVELI**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

**Iqanda**

- Licekeceke, lide lidliwe nayiminyiki.
- UThole wayezalwa liqabakazi elalisambatha imibhaco engaziwa noyise ukufika kwakhe eZazulwana.
- Wafika nonina emncinane eliqathalalana leqatyana elimzimba wawuzele imbola, owayenenwele eziqothololo luvithane.
- Wadibana nemfundo eZazulwana, esuka kwaGcaleka emaqabeni.
- Eli bakala kungeli xesha ahlobene noongantweni abangooThemba nooSonwabo.
- Wenza ubutshivela ngokuzibandakanya nemikhwa emibi efana nokusela utywala.
- Akanamandla okuzigqibela izinto afuna ukuzenza, wenza yonke into uThemba noSonwabo abamyalela ukuba ayenze nokuba akafuni.
- Simbona ehamba noThemba noSonwabo engathandi bemseza notywala engazazi apho aya khona.
- Usinda ekubulaweni yimigulukudu yaseBhayi ngenxa yaba bahlobo bakhe.
- Usinda ekuqwengweni ziingonyama kwihlathi laseKnysna.

**Ngumnyiki**

- Umnyiki eyona nto udume ngawo kukutya, ize ikugcine ukutya ekutyileyo ikusebenzise kwilixa elizayo, ebudaleni.
- Urhuba phantsi ungumbungwana ongento.
- Kwibakala afaniswe nomnyiki khona singathi kungelixa aqalisa ukufuna ukuzakha ngokufuna umsebenzi.
- Uveza ubukrelekrele ngokuthi asifumane eso sithuba sinye sasigaqelwe yinginginya afike sele iphambi kwaloo masango akwa Irvin & Johnson.
- Ngokuzenza igqirha eKnysna waphila ngokwenza imali evisayo de waba nemfuyo eninzi.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**Phungu-phungu**

- Uhlala kwiindawo ezifihlakeleyo, ukhuselwa liqokobhe esilika. Uphila ixesha elide.
- Kungakhangeleka ngathi akukho ntshukumo nankqubela-phambili ngeli lixa isagqunyiweyo kube kukho iinguqu ezimandla ezenzekayo.
- Ukusinda kwakhe kwimiguvela yaseBhayi ooJoe kumenze wasondela ngakumbi kuMdali wakhe, wada wanezithembiso azenzayo, zokuba xa iNkosi inokumsindisa kuloo makhamandela wayekuwo inkulu into anokuyenzela Yona.
- Ukhuselwa ngendlela engummangaliso ekuqwengweni ziingonyama kumahlathi aseKnysna.
- Ube nephupha lomfo onomnqwazi wameva omxhwile emlonyeni wengonyama wamphosa kude.
- Usindiswa licebo lokuba agaqe ahlangabezane nengonyama leyo ukuze imqwenge ngokukhawuleza, yasuka yee xhwenene yaphethuka yabaleka.
- Ususwa ngamaphupha angamonwabisiyo eKnysna, ephupha ngoFikizolo, Nofundile, Thozama notata onomnqwazi onameva.
- Wagqiba ukuba akhe aphumele emaphandleni yedwa ngethemba lokuba angathi abone okunokuthi kumenze alibale loo maphupha.
- Kolo hambo lwakhe waya kugqitha kwindlu yeCawa apho wachanwa lilizwi lonyana wolahleko wagqiba ekuthengiseni konke anako agoduke.
- Uzondla ngokwasengqondweni ngokufunda iincwadi ngeli xa ebuya eKnysna.
- Ubuyela esikolweni apho athi agqwese khona, ezifundweni, kwimidlalo, esimilweni nakwiingxoxo-mpikiswano.
- Ukwazibalula ngokuzimisela kwakhe enkonzweni, wade wanikelwa kuye wonke umsebenzi onxulumene nenkonzo.
- Ube negalelo elikhulu ekugqobhokeni kwabafundi esikolweni sakhe, wazibalula ngeentshumayelo ezinamabali anemfundiso.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**Bhadi**

- Ibhadi lahluke kwaphela kumnyiki
- Lifumana amandla ngokuzondla.
- Liyabhabha.
- UMangaliso uvela kwisahluko sokuqala sele enguchwenene womfundisi engaselilo elaa qathalalana wayefike elilo eZazulwana.
- Ngenxa yokuzibalula kwakhe kwiingxoxo- mpikiswano esikolweni, ucelwa amele uNokholeji eKapa esafunda ibanga leMatriki nalapho wathi wagqwesa khona.
- Ugqwesile nalapho eKapa waza wonyulwa amele eloMzantsi Afrika eNgilane kwenye ingqungquthela eyayizakuba seOxford University.
- Wagqwesa nalapho eNgilane kwiingxoxo-mpikiswano.
- Wamkela ubizo lobufundisi.
- Wabuya wafundela isidanga seBA kwaNokholeji efundela ezakwaLizwi.
- Uthi eselapho kwaNokholeji kwakulo nyaka wokuqala, kufike incwadi eyayikhatshwa likhephekhephe letsheki, yokuba afunde simahla eNgilane.
- Wabuyela eNgilane wabuya nesidanga se-MD nese-Ph.D.
- Ufunde wangumakhwekwetha womfundisi waseWesile.
- Wabuyela ekhaya edume kulo lonke wamkelwa sisifundisi saseWesile ngethekokazi elatsala nothathatha efumana izipho-mali.
- Watshata noThozama wanonyana wavuselela ibandla laseGeorge Goch wakha nendlu yecawa kulo ndawo.
- Iintshumayelo zakhe ezakhayo zizo ezamhlanganisa noyise omzalayo uKhohlela.
- UMkwayi noMangaliso babuyela kuHolela bavuselela ikhaya labo wakha nendlu yecawa uThole.

**[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

8.1 Ngokukhukuliswa nguThemba noSonwabo eGcuwa bemyobe ngotywala√/ uze ngemoto√/ uze ngemoto ngokulukuhlwa ngabahlobo bakhe.√

(Nayiphi na kwezi)

(1)

8.2 Sisihlonipho.√ (1)

8.3 Uye kuhlangana neengonyama kumahlathi aseKnysna engaqondanga.√/Uye kuhlangana neqela likaJoe√/ utywala abuseziweyo buyambhombolozisa endaweni yokumonwabisa√/ uphantse waqwengwa ziingonyama kumahlathi aseKnysna√/ kukusezwa kwakhe ziitshomi utywala ade angazasi nokuba uphi√/ ukuzibona engenandawo yokuhlala kwilizwe lamarhanuga eKnysa.√ (1)

(Nayiphi na kwezi)

8.4 Unikwe ubukrele-krele bengqondo√/ukuthobeka√/ukuba nesazela esiphilayo njengoko ebebhomboloza akusela√/ukuthanda ukufunda√/ukukwazi ukuzibona xa ephazama okanye ephuma endleleni√/ukuthemba nokumoyika uThixo maxa onke√/ ukuzinikezela kwinto ayenzayo√/ukumela isigqibo asithathileyo.

(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)

8.5 Akukho mfuneko yokuba ndlongo-ndlongo xa unento ongavisisani ngayo nabahlobo bakho√/ akukho mfuneko yokuwenza made xa usala into ongayifuniyo√/ ibonisa ukwazi ukuzeyisa√/uHayi nguHayi√/ uthetha ngokuzithoba ekungayifuni loo nto.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

8.6 Ubefuna ukumenza umlinganiswa onobutshijolo√√/ebefuna ukumenza umlinganiswa okhohlakeleyo√√/ongalunganga√√/ ebefuna ukumenza umlinganiswa oweyelisela abanye√√/ ebezama ukongeza imiceli mingeni kubomi bukaThole.√√ (2)

8.7 B. √ Uzobo ngqo.√ / B. Uzobo ngqo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

8.8 Lokuyondelelana okanye lokujiya kwezinto√ izenzo zakhe ziya zinyukela ngokunyukela ukumsa kwiingxaki.√ (2)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

8.9 Uphethwe ngumvandedwa√√/uyotywe ziingcinga zezenzo nezingqala zezolo√√/ uyalila xa esele utywala√√/ wala kwaphela ukuphinda asele utywala√√/ kukubona ukukhathazeka kwakhe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

8.10 Babengamzondi koko bubomi bamanxila qha obo babuphilayo√/kukusoloko befuna ukuhamba naye apho bakhoyo√/ kukumenzela ububela√/ bayavelana naye xa bembona engonwabanga bambuze.√ (1)

8.11 Yayikukusinda cebetshu ekubulaweni liqela lemiguvela kaJoe.√ (1)

8.12 Ayesithi, 'Ndiya kusuka ndiye kuBawo'√/ ngamazwi entshumayelo onyana wolahleko√/ angena kabuhlungu entliziyweni√/ amkhathaza√/ indlela amxhela ngayo uThole.√ (1)

8.13 Ubunzulu bokungena kwamazwi entshumayelo√√/ukuchukumiseka emoyeni.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

8.14 Bobabini bashiya amakhaya nabazali benxunguphele√√/bobabini baxhelelwa ezityetyisiweyo bakubuya√√ / bobabini bamkelwa ngobushushu.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

8.15 "... la mazwi kuye abinza ngokwekrele.'√ /"... wabonakala engqunga phambi komnyango wecawa ..."√ /"... isikhalo saloo ntokazi yayikhala ngenxa yokulahlekelwa ngumntwana wayo."√ "wothuka wanga ngumntu ovuka ebuthongweni."

(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)

8.16 Bobabini balahlekelwa ngabantwana babo okanye abaselugcinweni lwabo√√/ulonwabo lwabo xa oonyana babo bebuyele emakhaya.√√ (2)

8.17 Sisigqibo sokuba athengise yonke imfuyo yakhe agoduke√/ulonwabo lwabo xa oonyana babo bebuyele emakhaya√/ uthe isigqibo agoduke.√ (1)

**[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com

I.V M NWS SM

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Wabanjwa wagityiselwa kwimoto yamapolisa eyayinenja eyayifuna ukumqwenga kodwa wasinda.
- Wasinda ekufeni apho abantwana awayebafundisa behlangene nabo ababengafundi befuna ukumtshisela emotweni ehamba noSiqithi.
- Emngcwabeni kaMachule wasindiswa nguSiphiwe noSiphiwe bambalekisela kwamfundisi uHlathi.
- Naxa wayehlala kwamalume wakhe iinqwelo zamapolisa zazimlandela kodwa izinja zawagragramela amapolisa de ajika abuyela apho ayevela khona.
- Entlanganisweni yasekuhlaleni wasinda ekufeni ekuhlaselweni ngabantu basekuhlaleni bembetha ngamanqindi, bemkhaba bemfaka iimpama egityiselwa nangeembokodo.
- Emotweni awayelele kuyo kuba umzi wakokwabo wawungasekho, wasinda kubahlaseli ababelande ekhondweni lakhe befuna ukumbulala.
- Endleleni eya kwamalume wakhe, inyoka eyayiza kumhlasela yahlaselwa yinja yawudlavula loo mrhuqululu womrhangqolo wenyoka.
- Mhla asingise kwisikhululo sikaloliwe eNkwankca ehamba noNdima bafike amapolisa engathi alahliwe evale yonke indawo, wasindiswa kukuba alibala kukuhleka ubufutshane bukaNdima alibala tu ngomsebenzi wawo, begqitha apho kuwo.
- Esikhululweni sebhasi eNgxingwa uMfazwe uqaphele ukuba uyakhangelwa ngamapolisa wazithela hlasi idyasi nomthwalo kwindoda eyayinxilile. Kwasuka kwabanjwa le ndoda kanti ayinapasi khange iyibone nale ifunwayo indoda ephothe iinwele. Xa asukayo uloliwe amapolisa eze kweli cala linoMfazwe aphazanyiswa yingxolo yentombazana eleqa uloliwe ihamba nomntwana, alibala yiloo ntombazana. UMfazwe wafumana ithuba lokuphuma endaweni awayencatshe kuyo apho esitishini.
- Xa akude kufuphi nesikhululo saseThongo wamisa ngesiquphe uloliwe, uMfazwe wagqiba kwelokuba makehle kanti yindlela azisindise ngayo leyo, babanjwa apho abaninzi.
- Kwezo ntaba ubone ityholo elihambayo kanti yiveni yamapolisa kwaba kukubanjwa kwakhe oko. Aphela amathemba kuMfazwe kodwa wathandaza wacela neminyanya yakhe yaseMacirheni ukuba imncede. Yasuka yamisa iveni kwathiwa makaphele emehlweni.
- Ukhweliswe yimoto eya eMgazi eyathi yabhukuqa yatsha nabantu yena wasinda. Xa eya kujonga loo ngozi ngengomso wabanjwa ngamajoni.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Kuhlaselo olwalujolise kuye eThongo ambetha amajoni emnyathela ngeenyatawuri zamaquza asemkhosini apha entloko, nalapha wayesele encamile wasindiswa ngumphathi wawo wasuka wadubula phezulu bee xhonxosholo.

- Unikezelwe kuSikhotsholo nomfo omfutshane ukuba baye kumbulala suka kwadutyulwa bona abathunywa yimpi yabavukeli wasinda uMfazwe.

- Ukhululwe ke apho ukuba aye eMgazi wanikwa nompu kaSikhotsholo. Endleleni uve izithongakazi zikrazula isibhakabhaka kanti uchaniwe uve ngokonyela komlenze.

- Imozulu yaba negalelo ekumkhuseleni kuhlaselo lwezilwanyana zasendle kuba kwakunetha zonke zazisathe nca emingxunyeni yazo. Uthuku lwakhe lwaluye lumbonise ngengozi anokuba kuyo, atshintshe iindlela zakhe. Wayezicezela iindawo ezazibonakala izizigqubu zeemfazwe.

- Wasinda ekuhlaselweni nguNdoyisile isilwanyana esasifuna ukumqwenga esemthini.

- Wasinda kwizigcayiseli ezazisetyenziswa ngabavukeli bakarhulumente namanye amaqela ayehambisana norhulumente njengoko ayesilwa utshaba.

- Kwakusoloko kukho abantu abafuna ukumnceda njengoko mhla ehamba wanikwa umpu kaSikhotsholo nerhinkcelana elenziwe ngesikhumba sentlwathi negozongo lezinyo lenyoka ukuze azisindise ngazo.

- Waphaphama sele eseMthontsi kwiqela lentsimbi ebomvu. Nalapho kwakungelula kuba bebekhe bahlaselwe. Kuhlaselo lwaseMthontsi nguMzantsi Afrika wasinda kuloo ndyikityha yokufa kwabantu. Inqwelo-ntaka yayiphefumla iintolo zomlilo. Wabalekela emqolombeni wabe uyasinda kuloo mbubhiso engazange ibe nangxwelerha iluthuli eluthulini.

- Ekugqibeleni woyisakala uRhulumente wengcinezelo kwafuneka kuyiwe kwiingxoxo zothetha-thethwano, uMfazwe yayingomnye wababeye apho.

**[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



S. V M

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

**UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

**ISICATSHULWA A**

10.1 NguMfazwe.√ (1)

10.2 Sisandla esasibhale ngathi siyazoba√/ yayisisandla asaziyo naiqhelileyo. (1)

10.3 C. √ / Ndahanjelwa ngumzimba kukucaphuka.√ / C.Ndahanjelwa ngumzimba kukucaphuka.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

10.4 Umfanekiso-ntelekelelo wento efakwa ngokunyanzelwa ukubonakalisa ukungayikhathaleli.√√ (2)

10.5 Uthe akasokuze ayiqhaqhe loo ncwadi....√/ wayibamba ngezandla ezine oyile√ (1)

10.6 Ubonakalisa unxunguphalo√√/ubonakalisa uloyiko.√√ubokaliswe zizenzo awayebazi bengabantwana besikolo√√/ wayothuswe zizenzo zabantwana Awayebazi bengabantwana besikolo√√/ wayothuswe ngumngcipheko wokubulawa ngabantwana awayebafundisa√√/ yimpoxo esuka kubantwana. √√

**(Nayiphi na kwezi)** (2)

10.7 Ubundlobongela bokutshiswa kwemizi√√/ukulahlekwa zizimilo kwabantwana.√√

(Nayiphi na kwezi). (2)

10.8 Wazibeka emngciphekweni waya emngcwabeni nangona wayesaziwa njengempimpi√√/wadela imvula eyayidyudyuza√√/wathatha umzimba kaMachule owawutyekezelwe ngaphandle kwebhokisi wawubuyisela kwibhokisi yawo abantu bebaleke imvula √√/ nguye obekhokele umngcwabo√√/nasemangcwabeni nguye owangena emngxunyeni wakhupha amanzi abantu bechasele.√√ (2)

(Nayiphi na kwezi)

10.9 Wothuswa kukuva umntu embiza ngegama lakhe√/ ngamazwi alo mfo athi mkhulu uThixo wakho Mfazwe√/ ngamazwi akhe. √ (1)

10.10 Wayewuthatha kwaZamlandela.√/Wayewunikwa nguMzolisi. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

10.11 'Uyalibona eli thafa, ligcwele ngamangcwaba enu. Nawe ke uya apho, ... .'√ (1)



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

10.12 Umfake kwingxaki yokungakwazi ukubuya umva nangona iingxaki yena ajongene nazo zifuna ukuba abuye umva.√√ (2)

10.13 Kumnike amandla okuqhubela phambili kuba ecinga ukuba zizo ezimsindisa kwiingozi abehlangana nazo endleleni.√ (1)

10.14 Wayebaleka amapolisa esiya kuzibandakanya nombutho wentsimbi ebomvu√√/wayesiya eMgazi√√/wayesiya elubhacweni √√/ unyanzelwa ngumfundisi uHlathi ukuba makabhace.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

10.15 Saba sesona sifanelekileyo√ kuba nangona yayimininzi imibutho iinjongo zayo zifana nawo wawuneenjongo zokukhulula umntu omnyama ebukhobokeni nokubuyiswa kwesidima sakhe sobuntu√√ (3)

10.16 Obu bufutshane benze ukuba amapolisa alibale kukuhleka ubuhili abubo endaweni yokwenza umsebenzi abekelwe wona.√√ (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO C: IDRAMA**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)**

***AMAZA* – ZS Qangule**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Ingxabano yabangelwa kukuba abalinganiswa abakulo mdlalo baphila kumaxesha ohlukeneyo, abanye baphila ngokwenza izinto zexesha lakudala kwixesha langoku. Abanye baphila kwixesha langoku sele kukho umfutho waseNtshona kwaye bafuna ukwenza izinto zabo ngokwexesha langoku. Oku kwahluka kwamaxesha abaphila kuwo abalinganiswa abakulo mdlalo kube ngunobangela wokruthakruthwano nokuphuma kwemiphefumlo engenatyala yabanye abalinganiswa.

- UNamhla wabonelwa isoka angalithandiyo elinguSidima elibonelwa ngabazali bakhe. Loo nto yaba ngunobangela wokungavisisani okanye wengxabano phakathi kwakhe nabazali bakhe de ababone bengamaqaba nanjengabantu abamkhohlakaleleyo kuba bengamzali ncakasana. Masimve uNamhla xa athi, 'Hayi ilishwa lomntu ozalwa ngamaqaba'. Ngokwenkcubeko yethu yinto emanyumnyezi nengafanelekanga ukuba umntwana abize abazali ngokuba bangamaqaba.

- Le ngxabano yaye yanwenwela kumaBhele ngokubanzi de ohlukana phakathi kuba angafundanga aye abona ngasonye nabazali bakaNamhla kanti afundileyo anoXolile ayexhasa uNamhla.

- UDanile unomsindo kakhulu kuba ebhaqe uNamhla ethandana noLizo emzini wakhe nto leyo eyamenza waxabana nabo de olu daba walubizela amawabo. Oku kungqinwa ngamazwi akhe athi, "Mayiphume inja emzini wam!".

- Kwaye kwagqibela abazali kuba uNamhla waphetha etshatiswa ngenkani noSidima. Loo nto yabangela ukuba kungabikho konwaba emtshatweni wabo kuba babesoloko babexabana ngenxa yokungabikho kwekhonkco eliluthando.

- Ifoto neleta kaZodwa awayibhalela uSidima yenye yoonobangela bengxabano.

- Elowo nalowo kubo wayenomntu afuna ukutshata naye namthandayo ongenguye lo atshatiswe naye. Ngenxa yoko baphetha bekrexeza bobabini, uNamhla wathandana noLizo waza uSidima wathandana noZodwa Zazile. USidima ube nomntwana noZodwa Zazile ngeli lixa etshate noNamhla.

- UNamhla waxabana kakhulu nomyeni wakhe akufumanisa ukuba unomntwana onguXelisa mntwana lowo wamfumana kuZodwa Zazile.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
... EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Le ngxabano yaphembeleleka ngakumbi akuba uNamhla efumene ifoto kaZodwa neleta evela kuZodwa epokothweni yebhatyi kaSidima.

- ULizo kwelinye icala watshatiswa ngenkani noZodwa Zazile angamthandiyo. Naleyo into yaba ngunobangela wengxabano engapheliyo.

- Babexabana ngomntwana kaZodwa awenda emkhuleliswe nguSidima awayemthanda. Waya engamfuni ngakumbi kuba siva uLizo ebabaza nobuxelegu obugqithisileyo ambona enabo uZodwa. Baxabana de uLizo wafikelela kwisigqibo sokuba amgxothe unkosikazi wakhe uZodwa.Oku kungqinwa ngamazwi kaLizo athi, "Ndikucebisa ukuba ndithi ndibuya ube sowuthuthile namanyala akho kulo mzi kabawo. Uyandiva?".

- Ekugxothweni kwakhe uZodwa wafikelela kwisigqibo sokuba abalekele eRhawutini kwikrexe lakhe alithandayo uSidima phofu esimka nekhadi lebhanki likaLizo. Wafikela endlwini kaSidima engekho kukho uDuma oliwele lakhe noZodwa waseBhayi. Wafika wabadubulela kuloo ndlu bonke uLizo wabashiya ecinga ukuba ubagqibile bobathathu kanti uZodwa oyinkosikazi yakhe usindile. Loo nto ityhila ukuba ubomi bukaDuma noZodwa waseBhayi bachaphazeleka ngenxa yokuba kwanyanzeliswa uthando olungekhoyo phakathi kukaLizo noZodwa Zazile.

- Kwacingelwa ukuba oyena mntu uswelekiyo nguDuma noZodwa Zazile kanti akunjalo. Ukusweleka kukaSidima ngabula bona kwaba ngunobangela wokuba kuthiwe uNamhla makangenwe nguDuma okanye uLunga ngokwesiko lakwaXhosa kuba ingumntu nomntakwabo/umkhuluwa nomninawa.

- Wakhaba ngawo omane uNamhla nto leyo yenza ukuba angqquzulane nabantu bomzi wakhe ngakumbi uninazala onguMaNdaba. Masimve uNamhla xa athi, 'Ukuba ndingatshata nomnye woonyana, kumhla ichanti lingaphuma lothe ilanga'. Le ntetho ithetha into engasokuze yenzeke.

- Enye into eyaluphembelela ngakumbi olu ngqquzulwano kukuthandana kukaNamhla noLizo de baze kuthandanela emzini wamaCirha nanjengoko wayenze njalo nasemzini kaDanile ngexesha awayezatshata noSidima. Waqwela uNamhla ngokude amithe umntwana kaLizo nangona engumfazi wamaCirha.

**[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
2012 -11- 20
PUBLIC EXAMINATIONS
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***AMAZA* – ZS Qangule**

12.1 Yinkosikazi kaLizo.√ (1)

12.2 Uze kubona isithandwa sakhe uSidima√/Ubaleka impathombi emzini√/ ubaleka ingqumbo kaLizo√/ ugxothwe ngumyeni wakhe√/ ubhacile.√ (1)

12.3 *'Edidekile kuba uDuma ukhangeleka engenamazwi.'*√ / Ndim lo Cirha, ndithe nqa undibukula nje√/ tyhini madoda nguwe lo Zodwa.√ 'tyhini madoda nguwe lo Zodwa'( emkhumbula)

(Nayiphi na kwezi) (1)

12.4 Ibonisa ukuba bakhumbula ezakudala.√√/ ukugqibelana kudala bengazi ukuba Bangaze baphinde badibane√√/ ukukhumbulana kuba babethandana√√/ bebekhe bathandana.√√ (2)

12.5 Aba babini babekhe bathandana waze omnye waphoxa omnye.√ (1)

12.6 Ndingamsola kuba naye ebengemsulwa,ebenomntwana kaSidima ngeli xesha atshatileyo emenza okaLizo kungekho sivumelwano soko√√/ebemele ukuba ubalekele kokwabo kuba ungumendi√√/ uthandane nabantwana bomntu omye uDuma noSidima.√√ (2)

12.7 Uyayibuza into.√ (1)

12.8 Ukwakhe eBhayi√/ emzini wakhe.√ (1)

12.9 Kungokuba wayembona njengomntu okhohlakeleyo nongamfuniyo√/ kungokuba wayembona njengomntu ongamthandiyo√/ indlela amnukuneza ngayo ekubeni bekufanele ukuba uyamthethelela /uyamgxotha.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

12.10 Achaza imiyalelo yeqonga√√/aveza isimo sentlalo√√/ abonisa intshukumo Yabalinganiswa√√/ ubonisa iingcinga zabadlali.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

12.11 Ukubonakalisa ukungamfuni umntu√/ukubonakalisa ukungamhoyi√/ ukungamnanzi√/ ukumjonga nje√/ ukumcaphukela√/ukungamcaceli.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

12.12 Babebhalelana iileta besenza izifungo√/ bethumelelana neefoto zokungahlukani√/ ukubalekela kuSidima endaweni yokugoduka.√ (2)

12.13 Wayefuna ukuzibonakalisa ngokungathi akazani noZodwa√√/akafuni kuzidibani olinxila√√/ uthetha izinto azive ngoZodwa√√/akamazi ncam. √√ (2)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

12.14 UNamhla wayenokuzibulala√/UZodwa wayeza kuba nesifo sentliziyo√ / ULizo wayeya kumbulala ngezandla uZodwa√/UZodwa wayeya kumgalelela ityhefu uLizo.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (1)

12.15 B.√ / B. UValithuba.√ /UValithuba.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

12.16 Uzobo ngokumayana.√ (1)

12.17 Kukubhidisa nokujija iingqondo zabafundi√√/bekusenzelwa ukuba uLizo aphazame adubule omnye ecinga ukuba ngomnye.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

12.18 ULizo wadubula uDuma, uZodwa Zazile noZodwa waseBhayi√√/kufike uSidima wathatha uZodwa babheka eSwazini.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

**[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU*! - BB Mkonto**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Ibali lale ncwadi lingesiganeko esathi sawushiya unyembezana umzi kaPhalo kwisithili sikaKumkani uNgqika ngenxa yezenzo zabamhlophe ababethatha imihlaba besebenzisa iindlela ezingcolileyo zenkohlakalo.
- UMaqoma wafunda ubulungisa kuyise nokuxabisa ubomi bomnye umntu kodwa amaqhinga abamhlophe amnyanzela ukuba alwe imfazwe yezigalo apho kunyembeleke khona ukuze akhusele isizwe sakhe.
- Imiyalelo yokuhlasela iindawo ezithile nokuthengisa ngabanye njengoko wenzayo uSomerset ngoSmith kuba ezakuba sisiphazamiso kwiinjongo zakhe.
- USomerset wazimisela ukumlwa uMaqoma de abe uphumile eTshokotshele ngenxa yokuba wayemazi uMaqoma ukuba likroti wasebenzisa amaqhinga ngokuthi asebenzise amajoni nabefundisi ukuphumeza iinjongo zakhe.
- Ifuthe labefundisi lalisetyenziswa ngamandla ngabamhlophe. Imihlaba bayithatha kancinane kancinane kuba bebeka iinjongo zabo eziphambili ezifana nokushumayela beguqula abantu kubuhedeni babo nokulungiselela indawo amakhoboka akhululweyo namaLawu.
- Kwiimfundiso zabefundisi ezazijongela phantsi inkcubeko yabamnyama njengokunqula izinyanya, isihombo sabo njengokuqaba zenza ukuba kudaleke umsantsa phakathi kwabantu abamnyama nabamhlophe kuba kusonyeliswa amasiko nezithethe zamaXhosa.
- Iimbono ngeenkolo ezahlukileyo nenkcubeko ngokunjalo zasahlula phakathi isizwe esimnyama. Inkcubeko yabamhlophe yaba nomtsalane kwabanye. Izixhobo zokulwa ezifana nemipu, zenza uQuka wanomdla kuzo. Ukuzifumana kwakhe waba nesibindi wazimisela ukubulwela ubukhosi bakhe. Unxibelelwano lukaQuka nabamhlophe lwakhokelela kwiyelenqe lokubulala uBawana encediswa ngabamhlophe.
- USomerset wasebenzisa amajoni weba imfuyo, watshabalalisa imizi ekwabulala nabantu kwimizi abayihlaselayo kwelakwaNdlambe. Umzi kabaw'uNtlane wahlaselwa kwabulawa usapho lwakhe ngolunya kwatshiswa umzi wakhe.
- Abafazi balahla imbo yabo bahlukana kubini nto leyo eyakhokelela ekujongeleni abanye phantsi kwendlu yeenkuku. OoNobomvu nabanye abafazi babegxekana.
- Inkosikazi kabaw'uMntlane yathiywa igama lesiNgesi yaze ayamonwabisa loo nto. Ukuguqulwa kwamagama esiNtu kuyatsarha.
- UBawana wabulawa sisandla sakhe akusinika indawo yokusala nesizwe. UQuka wayefuna oko kwakulilungelo lakhe kuba naye wayezibona ekulungele ukuba yinkosi yesizwe sikayise esathi shwaka.

**[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

14.1 Ngumdudo√ / ngumtshato kaNobuntu noMaqoma√/ ngumsitho√/kwendiswa uNobuntu. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.2 Emva kokulila kweenkuku zokuqala√ (1)

14.3 Kukunika imiyalelo yaseqongeni kubadlali√√ / kukunika isimo entlalo√√/ ukubonisa intshukumo yaseqongeni.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

14.4 Ziindaba zokuvuthululwa komzi kabaw'uNtlane nokubiwa kweenkomo √ ngamajoni.√ (2)

14.5 Uthetha ukuba akuzange kusale nto√/ batshayela kwanto.√ (1)

14.6 UMsika ubeyilumkisa inkosi √√/acebise okunokwenziwa √√/ibikwanguye nokwaziyo ukucacisela uluntu ngeembono zikaMaqoma.√√ (2)

14.7 'Nangoku sesivunduza.'√/ ,akakayeki nangoku.' (1)

14.8 Babenxilile√/bengxola√/bethukana√/ benyelisana.√/ ukuphumla bashiye nezo nkomo apho ngenxa yokudinwa nokuxabana.√

(Naziphi na ezimbini) (2)

14.9 Kukuba isiBhulu esilulwimi lwawo lwenkobe wayengasiva uVezile√√/ wayengasazi isiBhulu.√√ (2)

14.10 Babebanika utywala√ / bebahlohla inkolo yobuKrestu√/balahlekisa abafazi ukuba bajongele phantsi inkcubeko yabo√/bathenga ooQuka ngeempahla zobujoni bebanika nemipu√/ yibhayibhile√/ yiblanti.√

(Naziphi na ezimbini) (2)

14.11 Ngexesha lengcinezelo√/Ngexesha localu-calulo√/ngexesha lokufika kwamadlagusha kweli√/1825-1829 ukufuduswa kukaMaqoma ewezwa iXesi kusithiwa makaye kuma kwimihlaba yaseTyhume. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.12 Zafunyanwa√ kuba loo masela angamajoni azishiya zodwa√/ zaphelela kwabamnyama kuba uyatsho uBisset kuSomerset ukuba abazibonanga iinkomo babuya.√ (2)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS


Downloaded from eduresourceza.com

S.V M

NWS SM

Downloaded from eduresourceza.com

14.13 USomerset ungumchasi wezenzo zikaMaqoma√√/urhuqa eludakeni inkcubeko kaNtu√√/ulwela ukufumana umhlaba uMaqoma angazimiselanga ukusuka kuwo nto leyo ekhokelela ekusebenziseni onke amaqhinga nobunyoka okuphumeza iinjongo zakhe√√/ nguye obeyalela amajoni akhe ooBisset ukuba baye kuhlasela phi, nini, ikwanguye nothi makubulawe uDick nokwathi mabankcinkcwengotywala abantsundu.√√

(Naziphi na ezimbini) (2)

14.14 B.√/ongazibandeziyo ofuna impindezelo√/B. Ongazibandeziyo ofuna impindezelo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.15 Weza nencwadi evela kwiRhuluneli eyayigunyazisa ukuba uMaqoma aphume eTshokotshele.√√ (2)

14.16 Waphatheka kakubi√ /Wakhathazeka√/Weva kabuhlungu.√

(Nayiphi na kwezi) (1)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com



| | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Kuzamekile**<br><br>Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci ngoko kukwitekisi. Umfundi akakayilandeli kakuhle le jenri okanye umhobe. | 3<br>40–49% | | | 5–6 | 4½–5½ | 4–5 | 3½–4½ | 3–4 |
| **Kunzima**<br><br>Akasilandeli tu isihloko. Isincoko sibonakalisa ukuphindwa –phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/ nezimvo azixhaswa kumhobe. Akanalo tu ulwazi lwale jenri nomhobe. | 2<br>30–39% | | | | 4–5 | 3½–4½ | 3–4 | 1–3½ |
| **Akaphumelelanga**<br><br>Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa kumhobe. Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale jenri nomhobe. | 1<br>0–29% | | | | | 3–4 | 1–3½ | 0–3 |

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com



**IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI LWENOVELI NEDRAMA**
**Qaphela umahluko wamanqaku abelwe umxholo nalawoabelwe isakhiwo nolwimi.**

| IIKHOWUDI NOLWABIWO-MANQAKU | | UMXHOLO [15]<br>Ukuchazwa kwesihloko: Ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo. | ULWABIWO -MANQAKU | ISAKHIWO NOLWIMI [10]<br>Isakhiwo sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungqinelanayo.<br>Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala. |
|---|---|---|---|---|
| Ikhowudi 7<br>80–100% | Kuqwesile<br><br>12–15<br>amanqaku | Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo. Isincoko siphuhlile. (90% + ukugqwesa kwesincoko). Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi. Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jenri netekisi. | Kuqwesile<br><br>8–10<br>amanqaku | Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo.<br>Intshayelelo nesiphelo zigqwesile.<br>Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliswe ngokucacileyo.<br>Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile. |
| Ikhowudi 6<br>70–79% | Kuphakamile<br><br>10½ –11½<br>amanqaku | Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo. Isincoko sicacile. Unike uluhlu lwezimvo ezixhaswe kakuhle kumhobe. Ulwazi lwejenri nomhobe luyancomeka kakhulu. | Kuphakamile<br><br>7–7½<br>amanqaku | Isincoko sakhiwe kakuhle.<br>Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka.<br>Izimvo neengcinga zilandeleka lula.<br>Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko.<br>Isinikezelo sihle. |
| Ikhowudi 5<br>60–69% | Kuphakathi<br><br>9–10<br>amanqaku | Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. Unike uluhlu lwezimvo ezivakalayo kodwa azixhaswanga ngendlela egqibelelelyo. Ulwazi lwejenri nomhobe luyabonakala. | Kuphakathi<br><br>6–6½<br>amanqaku | Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo.<br>Intshayelelo nesiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle. Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka.<br>Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle. |
| Ikhowudi 4<br>50–59% | Kuyanelisa<br><br>7½–8½<br>amanqaku | Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo. Amanye amanqaku axhasa isihloko ngokwanelisayo. Izimvo ezininzi zixhasiwe nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam. Lukho ulwazi olusisiseko lokuyiqonda le jenri netekisi. | Kuyanelisa<br><br>5–5½<br>amanqaku | Bukho ubungqina besakhiwo esibonakalayo.<br>Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelanayo. Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. Imihlathi ithande ukuchaneka. |
| Ikhowudi 3<br>40–49% | Kuzamekile<br><br>6–7<br>amanqaku | Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci ngoko kukwitekisi. Umfundi akakayilandeli kakuhle le jenri netekisi. | Kuzamekile<br><br>4–4½<br>amanqaku | Isakhiwo sibonisa uyilo oluxazalala.<br>Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. Kukho ubungqina beziphene zolwimi.<br>Ithoni nesimbo sokubhala zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo Imihlathi ixazalala. |

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001



S. V M
NWS

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com



| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Ikhowudi 2 30–39% | Kunzima<br><br>4½–5½ amanqaku | Akasilandeli tu isihloko. Isincoko sibonakalisa ukuphindwa – phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni. Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/nezimvo azixhaswa kumhobe. Akanalo tu ulwazi lwale jenri netekisi. | Kunzima<br><br>3–3½ amanqaku | Unikezelo aluniki mdla. Ukusilela kucwangciso lukhokelela ekuvubekeni kwezimvo. Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo. Imihlathi ixazalala. |
| Ikhowudi 1 0–29% | Akaphumelelanga<br><br>0–4 amanqaku | Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa kumhobe. Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri. | Akaphumelelanga<br><br>0–2½ amanqaku | Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe. Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. Uwimi lufe amanqe. Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni.<br><br>Ayikho imihlathi nothungelwano. |

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2012 -11- 20
PRIVATE BAG X110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS



Downloaded from eduresourceza.com